



Isalathiso: 20180925-6729
Inombolo yefayili: 13/4/1
Imibuzo: C Klopper

ISetyhula: 0041/2018

Umhla wokuphelelwa: Awukho

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kwiKharithulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoKuphathwa noLawulo lwamaZiko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaqquzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi ngeZifundo nakwiiNtloko zawo onke amaziko emfundo alungiselela abafundi iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isishwankathelo esifutshane: *Le setyhula yazisa izikolo ngokurhoxiswa koluhlu olumiselweyo lwezifundo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke njengenxalenye yeemfuno zolwamkelo kwisidanga sokuQala.*

Isihloko: Ukurhoxiswa koluhlu olumiselweyo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

1. Le setyhula itshitshisa yaye ithatha indawo yeSetyhula 0033/2008, yowe-19 Septemba 2008, eyayinika iimfuno ezingumlinganiselo osezantsi zolwamkelo kwimfundo ephakamileyo.
2. Umgaqo-nkqubo i-*Minimum Admission Requirements for Higher Certificate, Diploma and Bachelor's Degree Programmes requiring a National Senior Certificate* wapapashwa kwiGazethi kaRhulumente No. 31231 yowe-11 Julayi 2008, waza waqalisa ukusebenza ngoJanuwari 2009.
3. Lo mgaqo-nkqubo wahlula izifundo ezidweliswe kwiNkcazelo yeKharithulam kaZwelonke zibe zizintlu ezimbini, eziluluhlu lwezifundo ezimiselweyo noluhlu lwezifundo ezingamiselwanga (*designated subject list and a non-designated subject list*). Izifundo ezimiselweyo zezo zifundo zithi, ukuba zipaswe ngo-50% nangaphezulu, zinike umfundi imvume yokuba amkelwe kwiprogram yesidanga sokuQala sezifundo kwiZiko leMfundo ePhakamileyo (*Higher Education Institution*) (HEI).

4. Nakuba kunjalo, iSebe leMfundo esiSiseko (iDBE) liye lathi ukususela ngoko lalurhoxisa uluhlu lwezifundo ezimiselweyo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke (iNSC), kwiSetyhula S8 ka-2018, yowe-14 Septemba 2018.
5. Iimfuno ezingumlinganiselo osezantsi zolwamkelo kwiprogram yesidanga sokuQala zisahleli zingatshintshanga, oko kukuthi, yiNSC enomlinganiselo osezantsi ka-30% kulwimi lokufunda nokufundisa le-HEI, ohamba nereyithingi yokupasa ka-4 (uKupasa ngokuFanelekileyo, 50-59%) okanye okubhetele kuzo naziphi na izifundo ezine ezineekhredithi eziyi-20 zeNSC.
6. Umahluko kuphela kukuba umfundi uyakwazi ngoku ukukhetha naziphi na izifundo ezineekhredithi eziyi-20 zeNSC kuviwo lweNSC kuluhlu lwezifundo ezamkelweyo ezikhankanywe kumgaqo-nkqubo i-National Policy Pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement Grades R-12, epapashwe kwiGazethi kaRhulumente No. 36042 yowe-28 Disemba 2012.
7. Isifundo kuphela esingenazikhredithi ziyi-20 zeNSC yiLife Orientation.
8. UKupasa ngokuFanelekileyo kwizifundo ezine ubuncinane ezineekhredithi eziyi-20 zeNSC kunika isiseko esisiso sokwamkelwa kwiprogram yesidanga sokuQala. Kodwa i-HEI inelungelo lokuchaza inqanaba elifanelekileyo lokupaswa kwesifundo okanye iimfuno zezifundo ezithile zeprogram ethile kwiziko elo.
9. Ukurhoxiswa koluhlu olumiselweyo kuqalisa ukusebenza ngowe-01 Oktobha 2018 yaye kuya kusebenza kubaviwa ababhalisileyo ngo-2018 nakwiimviwo zeNSC ezilandelayo. Oku kuya kuquka abaviwa abasisigxina nabo bangesosigxina (*full- and part-time students*).
10. Ukurhoxiswa koluhlu olumiselweyo akusayi kusetyenziswa ngokubuyela umva kubaviwa ababebhalisiwe kwiNSC kwiminyaka egqithileyo. Nakuba kunjalo, abaviwa ababebhalisele iimviwo zeNSC kwiminyaka edlulileyo nokubhalisa ukwaneza iimfuno zeNSC okanye ukuphucula imeko yeNSC yabo mapase umlinganiselo osezantsi oyi-30% kwezinye zezifundo ezazibhaliswe emva kowe-01 Oktobha 2018, ukulungela ukwamkelwa kwiprogram yesidanga sokuQala, ukuba bayazaneza zonke ezinye iimfuno zokwamkelwa kwiprogram yesidanga sokuQala.
11. Abafundi abakwiBakala 9 ngo-2018, abaya kube bekhetha izifundo zeBakala 10 ngo-2019, mabaziswe ngale nkqubo njengoko baya kukufanela ukukhetha nasiphi na kwizifundo zeNSC ezineekhredithi eziyi-20 ukulungiselela ukwamkelwa kwiprogram yesidanga sokuQala.
12. Ukurhoxiswa koluhlu olumiselweyo akuzichaphazeli iikhrayitheriya zolwamkelo kwiprogram zeediploma okanye zezatifikethi, ezingatshintshanga ngololu hlobo lulandelayo:

- 12.1 Umlinganiselo osezantsi wemfuno yokwamkelwa kwiSatifikethi esiPhakamileyo yiNSC njengoko kuqinisekisiwe ngu-Umalusi, kunye nomlinganiselo osezantsi we-30% kulwimi lokufunda nokufundisa kwi-HEI.
- 12.2 Imfuno esezantsi yokwamkelwa kwiDiploma yiNSC eqinisekisiwe ngu-Umalusi, nomlinganiselo osezantsi we-30% kulwimi lokufunda nokufundisa kwi-HEI ekhethiweyo, kwakunye nereyithingi yokupasa ka-3 (uKupasa ngokuPhakathi, 40-49%) okanye okubhetele kwizifundo ezine ezamkelweyo zeNSC ezineekhredithi eziyi-20.
13. Kucelwa iinqununu ke ngoko zazise okukule setyhula abasebenzi babo, abazali nabafundi abachatshazelwayo yile nkqubo intsha.

ISAYINWE: NGU-BK SCHREUDER

INTLOKO YESEBE LEMFUNDO

UMHLA: 2018-10-26